



Edition 19
isiXhosa, English

Hooked on books!


Sharing the joy and excitement of books is part of a communication process that will enable you and your children to share knowledge, thoughts, enthusiasms and opinions for many years to come.

In his book, *Hooked on books*, Jay Heale explains how to create 'a book atmosphere' at home: 'I was once invited to the home of parents who were worried that their son didn't read enough books,' he says. 'I looked round their beautifully furnished lounge with its view of the sea and there wasn't a book in sight. They wanted their son to fall in love with a habit they themselves had done away with long ago.' If books are a normal part of your home, then reading books is likely to be a normal activity.

There are only so many minutes in a day. But you know that already! Machines are greedy. They soak up the moments when your children might have reached for a book. Yes, we're talking about television, computers, cellphones, game consoles and all the others. Think of it as a diet. When a baby is born, you watch his or her diet carefully. You try to ensure that the whole family follows a balanced diet. That's for the body. The mind needs a balanced diet as well. Books are food for the brain. They offer 'mental protein' in the form of imagination, invention, contemplation, even appreciation of beauty and poetry in ways that machines cannot.

Of course, your growing children are going to make use of digital technology – far more than we ever did. Their expert little fingers and sharp eyes are going to shoot around the keyboard and key in instructions faster than we can follow! Digital technology will be a constant part of their world. Books should be there as well. Not to replace more recent technology, but to add to it. Remember that machines are supposed to *do* things for you. They don't *think* for you but books help us to think about the world around us.

Adapted from: *Hooked on books* by Jay Heale, published by Metz Press.



Ukunamathela ezincwadini!

Ukwabelana ngobumnandi nobuncwane beencwadi kuyinxalenye yenkqubo yonxibelelwano olunokubangela wena nabantwana bakho ukuba nabelane ngolwazi, iingcinga, inzondelelo neembono kwiminyaka emininzi yokuphila kwenu.

Kwincwadi yakhe ethi, *Hooked on books [Ukunamathela ezincwadini]*, uJay Heale ucacisa ngendlela yokuseka 'umoya wothando lweencwadi' emakhaya: "Ndikhe ndamenywa kwikhaya elinabazali ababekhathazwa yinto yokuba unyana wabo engafundi zincwadi ngokwaneleyo," utshilo. "Ndathi ndakulaqaza kwigumbi labo lokuhlala elalinefanitshala entle, nelalibonakalisa inkangeleko entle yolwandle, andabona nanye incwadi. Babefuna unyana wabo akhulelwe luthando lomkhwa bona buqu abawuyeka nongoquku." Ukuba iincwadi ziyinxalenye yesiqhelo kwikhaya lakho, oku kungabangela ukuba ukufunda iincwadi ibe yinto eqhubeka ngokwesiqhelo.

Iyabaleka imizuzu esiyifumanayo kusuku ngalunye. Kodwa oku sele ukwazi! Oomatshini bayarhala. Bathatha kanye eli xesha abantwana bakho bebeza kulisebenzisa ekufundeni incwadi. Ewe, sithetha ngomabonakude, iikhompyutha, iiselulafowuni, izithebe zemidlalwana kunye nezinye izinto. Cinga ngokufanisa

oku nesondlo. Xa umntwana ezalwa, isondlo sakhe usinika ingqalelo. Uye uzame ukuqinisekisa ukuba lonke usapho lulandela isondlo esinempilo. Oku ke kulungiselelwe umzimba. Ingcwadi nayo idinga isondlo esinempilo. Iincwadi ke zikukutya kwengqondo. Zona zinikezela 'ngeprotini yengqondo' ngokholo lokuyila imifanekiso-ngqondweni, ukuqamba, ukucamngca, naku nokuthakazelela ubuhle noncuthu lolwimi ngendlela apha engenakuze ifezekiswe ngoomatshini.

Ngaphandle kwamathandabuzo, abantwana bakho abasakhulayo baza kubusebenzisa ubugcisa bale mihla – ngaphezulu lee kokuba thina sasisenza. Amehlo abo abukhali neminwana yabo enobungcali iza kuphala ngokukhawuleza kombane xa becofa imiyalelo kumaqhosha ekhibhodi! Ubugcisa bale mihla buyakusoloko buyinxalenye yobomi babo. Neencwadi kumele nazo zibe kwayinxalenye yobu bomi. Zingabikho kuphela ekuthatheni indawo yobugcisa bale mihla, kodwa zangeze kubo. Khumbula ukuba oomatshini bamele ukuba bakwenzele izinto. Abakwazi ukukucingela kodwa zona iincwadi zisinceda ekubeni sicinge ngelizwe elisingqongileyo.

Iguqulwe yaze yalungiswa ukusuka ku*Hooked on books* ngokubhalwe nguJay Heale, yaze yashicilelwa ngabakwaMetz Press.

Win! ★★

To win one of three copies of *Hooked on books* by Jay Heale, answer this easy question: **What is the name of the last book that you read with a child or children? Send your answers together with your full name, physical address and contact number to letters@nalibali.org or Nal'ibali, PO Box 1654, Saxonwold, 2132 by 7 December 2012.**



Phumelela!

Ukuze uphumelele enye yeekopi zika*Hooked on books* obhalwe nguJay Heale, phendula lo mbuzo ulula: **Yiyiphi incwadi osandul'ukuyifunda nomntwana okanye nabantwana? Thumela iimpendulo zakho negama lakho elipheleleyo, idilesi yakho neenombolo zonxibelelwano kule dilesi yeimeyili: letters@nalibali.org okanye kule yeposi: Nal'ibali, PO Box 1654, Saxonwold, 2132, phambi okanye ngomhla wesi-7 kuDisemba ka-2012.**



Drive your
imagination

Dreaming big for our children.
It starts with a story...
Sinamaphupha amakhulu
ngabantwana bethu.
Konke kuqala ngebali...





Story stars

Sharing a love of stories



Luleka Mehlomakhulu is a volunteer and storyteller at the KwaFaku Reading Club in Lower Crossroads, Cape Town – part of the Na’ibali network of reading clubs. She takes her nine-year-old son, Oyntanda, with her to the club every weekend and when she’s not volunteering at the club, Luleka participates in ‘story time’ activities at different schools as well as working every day at a local crèche. We chatted to her:

Why are reading clubs important?

At school, a lot of children do not enjoy reading and get frustrated, whereas children who attend the reading club benefit from reading and storytelling for enjoyment. At the club, I see children actively learning to read and write – even my own child! Before attending the reading club, Oyntanda was frustrated, stressed and got upset when he was forced to read. Now, he has started wanting to read... he’ll open a book and knows how to take care of it. And he now asks me to read to him every day.

How do you take this further with your son?

I take him to our local library and let him choose different books each week.

What do you get out of being a reading club volunteer?

The best part is building relationships with children. By going to the reading club each and every week, the children have learned to trust me. I have also grown personally and learned a lot about myself. Recently I wrote a story about where I come from and where I want to go in life. I didn’t think about writing a book until I started volunteering at the club... now I realise I want to be a writer.

How can you tell that the children at the club benefit from attending?

I can see that they develop an appreciation for my storytelling. The children greet me enthusiastically, asking: ‘What story did you bring today?’ And after every story I tell, they ask questions that help to broaden their minds and relate the story to their own lives. And I know they’re listening because the children will ask me questions about a story I’ve read weeks ago.

How can parents get their children hooked on books?

You need to put in the time and encourage reading. Parents should try and spend just 30 minutes a day reading or telling stories to their children. This is what will make the difference because children will want to come back and read more. And if you don’t have books, make up stories of your own!

Why do you think stories are important?

Through stories, children and adults can visualise making their dreams come true.

To read more about Luleka Mehlomakhulu and other Story Stars, visit www.nalibali.org.

Ukuze ufunde banzi ngoLuleka Mehlomakhulu kwanezinye limbalasane zaMabali, ndwendwela kule dilesi: www.nalibali.org.



Luleka Mehlomkhulu

Shelley Christians

Iimbilasane zamabali

Ukwabelana ngothando lwamabali

ULuleka Mehlomakhulu ulivolontiya kwanombalisi-mabali kwiklabhu yokufunda ebizwa ngokuba yiKwaFaku Reading Club eLower Crossroads, eKapa – neyinxalenye yothungelwano lweeklabhu zokufunda zikaNa’ibali. Uye ahambe nonyana wakhe oneminyaka elithoba uOyintanda ukuya eklabhini rhoqo ngempelaveki, aze athi xa engasebenzi njengevolontiya kwiklabhu

yokufunda uLuleka, athathe inxaxheba kwimisetyenzana ‘yexesha lamabali’ kwizikolo ezahlukileyo kwaye yonke imihla usebenza kwikhreshi yendawo ahlala kuyo. Sincokole naye:

Kutheni zibalulekile nje iiklabhu zokufunda?

Esikolweni, abantwana abaninzi abakonwabeli ukufunda kwaye bade bazive benxunguphele, ukanti ke abantwana abahamba kwiklabhu yokufunda bazuza lukhulu ekufundeni nasekubalisweni kwamabali okujoliswe ekuzonwabiseni. Eklabhini, ndibona abantwana befunda izakhono zokufunda nokubhala ngokuthatha inxaxheba – nkqu nalo wam umntwana! Phambi kokuba angene kwiklabhu yokufunda, uOyintanda wayesoloko enxunguphele, exhalabile kwaye ecaphuka

xa enyanzelwa ukuba afunde. Kodwa ngoku, sele eqalisile ukuzifunela ngokwakhe ukufunda ...uya kumbona evula incwadi kwaye uyazi ukuba ayinonophele njani. Ndithetha nawe nje undicela umhla nezolo ukuba ndimfundele.

Nikuphuhlisa njani oku wena nonyana wakho?

Ndihamba naye ndimse kwithala leencwadi lendawo esihlala kuyo ndize ndimvumele ukuba akhethe iincwadi ezahlukileyo kwiveki nganye.

Yintoni oyizuzayo ngokuba livolontiya kwiklabhu yokufunda?

Eyona nto iphambili kukwakha ubudlelane nabantwana. Ngokuya kwiklabhu yokufunda kuzo zonke iiveki, abantwana baye bafunda ukuba bandithembe. Nam ndikhulile kakhulu, kwaye ndifunde lukhulu nangam. Kutsha nje, ndiye ndabhala ibali ngemvelaphi yam, kuquka nalapho ndijolise khona ebomini. Andizange ndayinga into yokubhala incwadi ndade ndabe ndingene kwiklabhu yokufunda njengevolontiya...ngoku ndiyabona ukuba ndifuna ukuba ngumbhali.

Wazi njani ukuba abantwana abahamba kwiklabhu yokufunda kukho abakuzuzayo ngokwenza oku?


Ndiyabona ukuba bakhulelwa luthakazelelo lwamabali endiwabalisayo. Wofika abantwana bendibulisa ngomdla omkhulu, bebuza: ‘Uze neliphi ibali namhlanje?’ Kwaye ke emva kwebali ngalinye endilibalisayo, baye babuze imibuzo enceda ekuphuhliseni ingqiqo yabo baze bayamanise ibali elo kubomi babo ababuphilayo. Ndazi kakuhle ukuba bamamele kuba abantwana baye bandibuze imibuzo nangebali endilifunde kwiiveki ezigqithileyo.

Ucinga ukuba abazali bangenza ntoni ukuze abantwana babo banamathele ezincwadini?

Kumele ube nalo ixesha lokwenza oku kwaye ukufunda kube yinto oyitalayo. Abazali kumele bachiithe nokuba yimizuzu engama-30 ngosuku befundela abantwana babo okanye bebabalisele amabali. Koku ke okuza kwenza umahluko kukuba abantwana uza kubabona bequqa bebuyelela befuna ukufunda ngakumbi. Ukuba ke akunazo iincwadi, ziqambele awakho amabali!

Ucinga ukuba kutheni amabali ebalulekile?

Emabalini, abantwana nabantu abadala bangacinga ngendlela yokuzalisekisa amaphupha abo.



Create your own mini-book Zenzele eyakho incwadana encinane

- | | |
|---|---|
| 1. Take out pages 3 to 6 of this supplement. | 1. Thabatha amaphepha ama-3 ukuya kwisi-6 kolu hlelo. |
| 2. Fold it in half along the black dotted line. | 2. Wasonge esiphakathini kumgca wamachaphaza amnyama. |
| 3. Fold it in half again. | 3. Phinda uwasonge esiphakathini kwakhona. |
| 4. Cut along the red dotted lines. | 4. Sika kwimigca yamachaphaza abomvu. |



Get story active!

After you and your children have read *Scary footsteps* you might want to try out some of these ideas.

If you have 10 minutes...

- Look at the pictures again and talk about what your children think Lindi might be feeling. How would they feel if they were Lindi?
- In the story, Lindi feels scared. Encourage your children to talk about things that they are scared of and what they do when they feel scared. Suggest simple things they can do to manage their fears.

If you have 30 minutes...

- Tell your children a story you know about a child who disobeys a parent or grandparent or one in which there is a monster. If you don't know any stories like this, try making your own up or tell a story about a time when you were disobedient as a child!

If you have one hour...

- Invite your child to use the identikit below to draw and describe the scariest monster he or she can imagine!

Yenza ibali linike umdla!

Emva kokuba wena nabantwana bakho nifunde ibali elithi: *Izingqi ezoyikisayo* ungathanda ukuzama ezinye zezi ngebiso.

Ukuba unemizuzu eli-10...

- Qwalaselani imifanekiso kwakhona nize nithethe ngoko kucingwa ngabantwana bakho ngokuphathelele kwiimvakalelo zikaLindi. Ingaba bona bebeza kuvakalelwa njani ukuba bebesezihlangwini zikaLindi?
- Apha ebalini, uLindi uziva esoyika. Bakhuthaze abantwana bakho bathethe ngezinto abazoyikayo kuquka nezinto abazenzayo xa beziva besoyika. Banike iingcebiso ezilula ngoko bamele kukukwenza ukuze balawule uloyiko lwabo.

Ukuba unemizuzu engama-30...

- Balisela abantwana ibali malunga nomntwana ongamthobeliyo umzali okanye umawokhulu wakhe okanye ibali apho kukho khona irhamncwa eloyikekayo. Ukuba akukho bali ulaziyo elikumila kunje, zama ukuziqambela elakho okanye ke ubalise ibali ngexesha apho wawungumntwana ongathobeliyo!

Ukuba uneyure...

- Mema umntwana wakho ukuba asebenzise lo mzobo womntu (ngokugunyaziswe emapoliseni) ungezantsi ukuze azobe aze achaze elona rhamncwa loyikekayo anokucinga ngalo!

Identikit

U mzobo womntu (ngokugunyaziswe emapoliseni)

Name of monster/Igama lerhamncwa: _____

Hair colour/Umbala weenwele: _____

Number of eyes/Inani lamehlo: _____

Height/Ubude: _____

Body size/Ubungakanani bomzimba: _____

Place where it lives/Indawo elihlala kuyo: _____

Place last seen/Indawo eligqibele kuyo ukubonwa: _____

Time of day last seen/Ixesha eligqityelwe ukubonwa ngalo ngale mini: _____

Other information/Ezinye iinkcukacha: _____

Write the sounds that these animals make in their speech bubbles.

Bhala izandi ezenziwa zezi zilwanyana kumaqamza entetho.



Story corner

Here is the final part of the story about the duckling, who thought he was ugly, for you to read-aloud or tell.

The ugly duckling (Part 2) Retold by Sindiwe Magona

The winter was long and lonely. For many months the ugly duckling didn't go near the water. But, at last, spring arrived. The flowers woke up and the birds started singing. In his heart something woke up too. 'I want to swim,' thought the ugly duckling. A warm glow of happiness spread over him when he saw the vle. He was not afraid that the other birds would laugh at him. He was so happy that he completely forgot to feel ugly. 'I am going to swim again!' he cried.

Suddenly, the ugly duckling saw the flock of graceful white birds with their long necks and wide, outstretched wings. To his amazement, they headed straight towards him. Maybe they thought he was someone else. Oh, dear, they would soon discover that he could not be their friend. But the swans came nearer and nearer.

'They're going to play a trick on me,' thought the duckling. He started swimming away as fast as he could. The swans chased him, calling, 'Wait for us!' But the louder they called, the faster he swam.

At last, he stopped. He was totally exhausted. He summoned all the courage left in his young heart and asked, 'What do you want of me?' The beautiful swans swam up close, craned their graceful necks, opened their eyes wide and said, 'Hello, swan. Don't run away. You belong with us.'

'Swan? I am not a swan,' whispered the ugly duckling. How could these lovely creatures tease him like that. Sadly he looked down and as he did so, he saw his reflection in the water.

The ugly duckling could hardly believe his eyes! 'This is me! I am not ugly anymore,' he cried. 'I am a beautiful swan!' Now the tears in his eyes were tears of joy.

As he grew older, the swan who had been an ugly duckling never forgot his past. He remembered how unloved and miserable he had felt when others were unkind to him. So he treated everyone kindly and, in return, he was loved by all.

Adapted from *The Ugly Duckling* and *UDadana Ombi*. Published by Jacana. © 2010



Illustrations by Natalie Hinrichsen
Imifanekiso nguNatalie Hinrichsen



Indawo yamabali

Nasi isiqendu sokugqibela sebali elimalunga nedadana elalicinga ukuba libi, lenzelwe ukuba ulifunde ngokuvakalayo okanye ulibalise.

UDadana ombi (iSiqendu 2) Libaliswe kwakhona nguSindiwe Magona

Ubusika babubude isithukuthezi. UDadana ombi akazange asondele ngasemanzini iinyanga ezininzi. Ekugqibeleni, yangena intwasahlobo. Iintyatyambo zadubula, iintanka zaqala ukucula. Naye waziva echukumisekile entliziyweni. 'Ndifuna ukudada,' wacinga njalo uDadana ombi. Wonwaba ngeyona ndlela ingathethekiyo akubona ichibi. Akazange abe noloyiko lokuba ezinye iintaka ziza kumhleka. Wayonwabe kangangokuba walibala tu ngobubi bakhe. 'Ndiza kudada kwakhona!' watsho ngemincili elila.

Ngesaqophe, uDadana ombi wabona umhlambi weentaka ezimhlophe ezindilisekileyo ezineentamo ezinde namaphiko azo amakhulu avulekileyo.

Wothuswa kukubona zisiza ngqo kuye.

Mhlawumbi zazimfanisa nadadana limbi. Owu bawo, ziza kuqaphela msinya ukuba andinakuba ngumhlobo wazo. Kodwa la marhanisi angoontamonde aya esondela ngokusondela.

'Aza kuhlekisa ngam,' lacinga ngelitshoyo idadana. Ngokukhawuleza laqalisa ukuqubhela kude kuwo. Amarhanisi alileqa idadana emana ukulibiza, 'Silinde!' Kodwa ngokuya elikhwaza kakhulu, oku kwalenza laqubha ngokukhawuleza okukhulu.

Ekugqibeleni, lema. Lalinxaphe kakhulu. Laze laqokelela onke loo mandla ayesashiyekile kuloo ntliziywana yalo, laqweba isibindi labuza, 'Nifuna ntoni kum?' La marhanisi mahle aqubhele kufutshane naye, olula iintamo zawo ezintle, aze avula amehlo awo athi, 'Molo, rhanisi. Musa ukubaleka. Ungumntakwethu.'

'Irhani? Andilorhanisi mna,' lasebeza latsho idadana elibi. Zingathini izilwanyana ezihle kangaka ukuhlekisa ngam ngolu hlobo. Lajonga phantsi idadana liziva lusizi kwaye ngokwenza oko, labona umfanekiso walo emanzini.

UDadana ombi wayengakukholwelwa oko wayekubona ngamehlo akhe! 'Ndim lo! Andisekho mbi kwaphela,' watsho elila. 'Ndilirhanisi elihle!' Ngoku iinyembezi emehlweni alo zaba zinyembezi zovuyo.

Uthe apha ekukhuleni kwakhe, urhanisi obekade elidadana elibi akayilibala kwaphela imbali yakhe. Wayekhumbula indlela awayengathandwa ngayo nentlungu awayeyiva ngela lixa amanye amadada ayemngcungcuthekisa. Ngoko ke, wagqiba ekubeni abaphathe kakuhle bonke abanye, waze ngenxa yoku, wathandwa nguye wonke ubani.

In your next Nal'ibali supplement:

- Writing with children
- The story, *Just now, Ben*
- A fun-to-play board game
- A zig-zag book, *Listen!*

Can't wait until next week for more reading and story tips, tools and inspirational ideas? Visit www.nalibali.org or find us on Facebook: www.facebook.com/nalibaliSA



Find us on Twitter: @nalibaliSA
Sifumane kuTwitter: @nalibaliSA

Kuhlelo olulandelayo lweNal'ibali:

- Ukubhala nabantwana
- Iballi, *Umzuzwana nje, Ben*
- Umdlalwana webhodi odlalwa ngokonwabisayo
- Incwadana eyenziwe yamajikojiko, *Mamela!*

Ingathi ayisafiki iveki elandelayo ndifumane ezinye iingcebiso, izixhobo neembono ezikhuthazayo ngokufunda nezamabali? Ndwendwela kule webhusayithi-www.nalibali.org sifumane nakuFacebook: www.facebook.com/nalibaliSA



Scary footsteps is one of 36 stories available in the Little Library Kits for Numeracy, Literacy and Life Skills. Each kit contains 60 readers (5 copies of 12 stories), 12 big books, 12 posters and a comprehensive teacher's guide. All the readers and the big books are available in all 11 official languages. For more information please visit our website www.cup.co.za.

Cambridge University Press
P O Box 50017, V&A Waterfront, 8002
Tel 021-4127800 | Fax 021 4198418
Email info@cup.co.za




Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment initiative to get people in South Africa – children and adults – passionate about telling and reading stories. For more information, visit www.nalibali.org



Inal'ibali liphulo lesizwe lokufundela ulonwabo lokwenza abantu eMzantsi Afrika – abantwana nabantu abadala – bakuthakazelele ukubalisa nokufunda amabali. Ukuze ufumane inkcazelo ebanzi, ndwendwela ku-www.nalibali.org

CAMBRIDGE

Scary footsteps Izingqi ezoyikisayo



Lindi Mahlangu
Lungi Maseku
Joan Rankin






One day, Lindi went for a walk. "Bye-bye, Papa!" she said.

"Don't go near the forest. A big monster may be there!" warned Papa. But Lindi took the path through the forest. She skipped and sang:

*"Skip, skip, one, two, three
Silly monsters don't scare me!"*

Ngenye imini uLindi wayekuhambo lokubethwa ngumoya. "Usale kakuhle, Tata!" watsho uLindi. "Ungasondeli ngasehlathini. Kungakho irhamncwa elikhulu apho!" wamlumkisa uTata. Kodwa uLindi wathatha indlela ecanda ehlathini. Wayetsibatsiba kwaye ecula:

*"Tsiba, tsiba, nye, bini, thathu
Amarhamncwa asileyo akandoyikisi mna!"*



Then she heard heavy footsteps ...
Gromp! Gromp! Gromp! Gromp!

"It must be a monster with huge feet!" cried Lindi.

What could it be? Was it a monster?

Wava izingqi ezinzima ...

Ngqi! Ngqi! Ngqi! Ngqi!

"Inokuba lirhamncwa elikhulu elineenyawo ezinkulu!" wakhala uLindi.

Yayinokuba yintoni? Yayilirhamncwa?



No, it was two big dogs! The dogs followed Lindi.
One girl and two big dogs skipped through the forest.
*“Skip, skip, one, two, three
Silly monsters don’t scare me!”*

Hayi, yayizinja ezimbini ezinkulu! Izinja zamlandela uLindi.
Intombazana enye nezinja ezinkulu ezimbini zatsiba becanda ehlathini.
*“Tsiba, tsiba, nye, bini, thathu
Amarhamncwa asileyo akandoyikisi mna!”*



Suddenly they heard loud snorting ...
Hrof hrof! Hrof hrof! Hrof hrof! Hrof hrof!
“It must be a monster with an enormous nose!”
cried Lindi.

Kusenjalo beva ukubetha kwethatha okungxolayo ...
Grr grr! Grr grr! Grr grr!
“Makube lirhamncwa elinempumlo enkulukazi!”
wakhala uLindi.

No, it was three snorting pigs! The pigs followed behind them. One girl, two dogs and three pigs skipped through the forest.

*“Skip, skip, one, two, three
Silly monsters don’t scare me!”*



Hayi, yayizihagu ezintathu ezazibetha ithatha!
lihagu zalandela emva kwabo. Intombazana enye, izinja
ezimbini neehagu ezintathu zatsiba becanda ehlathini.

*“Tsiba, tsiba, nye, bini, thathu
Amarhamncwa asileyo akandoyikisi mna!”*

Suddenly they heard a noisy crunch, crunching ...
Crunchety! Crunchety! Crunchety! Crunchety!

“It must be a monster with gigantic teeth!”
said Lindi.

What could it be? Was it a monster?



Kusenjalo beva ukukrwabaza okungxolayo, krwaba ...
Krwaba! Krwaba! Krwaba! Krwaba!

“Kumele ukuba lirhamncwa elinamazinyo
amakhulukazi!” wakhala uLindi.

Yayinokuba yintoni? Yayilirhamncwa?



No, it was four donkeys crunching carrots!
The donkeys followed behind them.

*"Skip, skip, one, two, three
Silly monsters don't scare me!"*

Then one girl, two dogs, three pigs and four donkeys saw ...

Hayi, yayiziidonki ezine zikrwamza iminqathe!
lidonki zalandela emva kwabo.

*"Tsiba, tsiba, nye, bini, thathu
Amarhamncwa asileyo akandoyikisi mna!"*

Emva koko intombazana enye, izinja ezimbini, iihagu ezintathu needonki ezine zabona ...



... a big scary monster!


... irhamncwa elikhulu eloyikekayo!



*“Run, run, one, two, three
Scary monsters frighten me!”
They all ran for their lives.*



*“Baleka, baleka, nye, bini, thathu
Amarhamncwa oyikekayo ayandoyikisa!”
Babaleka bonke bebalekela ubomi babo.*



They ran all the way home.

Babaleka indlela yonke
eya ekhaya.

“Quick, quick, shut the door!”

“Khawuleza, khawuleza, vala ucango!”





Then one girl, two dogs, three pigs and four donkeys heard ...
Creek! Creek! Creek! Creek!
The door handle turned.
The door opened... *Creeeek.*
What could it be? The door opened wide...

Emva koko intombazana enye, izinja ezimbini,
iihagu ezintathu needonki ezine beva ...
Kri! Kri! Kri!
Ihendile yecango yajijeka. Ucango lwavuleka.
Yayinokuba yintoni?

“Hi, everyone!”

“Papa!”

Everyone sighed with relief!



“Molweni, nonke!”

“Tata!”

ULindi wayonwabe kakhulu ukubona uTata.